If I take one group of 4 away to give to Omuhle, what fraction of the counters have I taken away?

Bekukho amaqela ama-3 alinganayo, waze wathatha iqela elinye. Oko kuthetha ukuba uthathe isinye kwisithathu sezibalisi.
There were 3 equal parts, and you took away one part. That means you took away one third of the counters.

Kunjalo! Ungakwazi ukwenza amaqela ama-4 alinganayo?
Correct! Can you make 4 equal sized groups?

Ewe! Ndenze amaqela ama-4 ezi-3.
Yes! I made 4 groups of 3.

Ukuba ndithatha iqela elinye lezi-3 ngeenjongo zokunika uNtando, liqhezu lini lezibalisi endilithathileyo?
If I take one group of 3 away to give to Ntando, what fraction of the counters have I taken away?

Bekukho amaqela ama-4 alinganayo, waze wathatha iqela elinye. Oko kuthetha ukuba uthathe ikota enye yezibalisi.
There were 4 equal parts, and you took away one part. So that means you took away one quarter of the counters.

Nika abafundi ixesha lokulungisa izibalisi zibe ziinxalenye zamaqhezu. Bakhuthaze abafundi baqonde ukuba amaqhezu angenziwa ngamaqela amanani alinganayo, ingabi ziinxalenye ezinobukhulu obulinganayo kuphela.

Allow learners time to talk about arranging counters into fractional parts. Encourage learners to realise that fractions can be made of groups of equal number not only parts of equal size.

Fractions

IVEKI • WEEK 5

USUKU 3 • DAY 3

Amaqhezu
Fractions

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → NDIBONISE INANI! SHOW ME A NUMBER! → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

emphasize the "whole" in each example

1 Phawula ibhokisi ubonise ukuba leliphi iqhezu elibiyelweyo.
Tick the box to show what fraction has been circled.

			 so one half of 10 is 5		
isinye esithathwini one third	✓	isiqingatha one half		isiqingatha one half	✓	isinye kwisihlanu one fifth	
					
ikota one quarter		isinye esithathwini one third	✓	isiqingatha one half		ikota one quarter	✓
					
isinye esithathwini one third		isiqingatha one half	✓	ikota enye one quarter		isinye esithathwini one third	✓
					
isiqingatha one half		isinye esithathwini one third	✓	isinye esithathwini one third	✓	isinye kwisithandathu one sixth	
					
isinye esithathwini one third	✓	isiqingatha one half		isiqingatha one half		isinye kwisihlanu one fifth	✓

Amaqhezu

Xa sisahlulela abantwana aba-3 ngokulinganayo, umntwana ngamnye ufumana isinye esithathwini.
When we share equally among 3 children, each child gets one third.

2



Zingaphi izahlulo ezilinganayo ezikhoyo?
How many equal parts are there?
3

Igama leqhezu:
Fraction name:
one third

Biyela imifanekiso ebonisa isinye esithathwini.
Circle the pictures that show one third.



Biyela imifanekiso ebonisa isibini esithathwini.
Circle the pictures that show two thirds.



Xa sisabela abantwana aba-4 ngokulinganayo, umntwana ngamnye ufumana ikota.
When we share equally among 4 children, each child gets one quarter.

3

Zingaphi izahlulo ezilinganayo ezikhoyo?
How many equal parts are there?
4

Igama leqhezu:
Fraction name:
one quarter

Biyela imifanekiso ebonisa ikota enye.
Circle the pictures that show one quarter.



4



Zingaphi izahlulo ezilinganayo ezikhoyo?
How many equal parts are there?
4

Igama leqhezu:
Fraction name:
one whole

Ikota ezine ziyafana nento enye epheleleyo. Uyabona?
Four quarters is the same as one whole. Can you see?

Fractions

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

NDIBONISE INANI!
SHOW ME A NUMBER!

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ UMDLALO
GAME

→ AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

UBheki usekhaya. Uya ngeenyawo esikolweni, aze endleleni aphumle umzuzwana phantsi komthi.
Bheki is at home. He needs to walk to school but on the way, he stops by a tree for a rest.

1

Uhambe umgama ongakanani uBheki.
How far has Bheki walked?

2

UBheki uhambe isiqingatha somgama oya esikolweni.
Bheki has walked halfway to school.

Wazi njani ukuba uBheki uhambe isiqingatha somgama?
How do you know Bheki walked halfway?


3

Uhambe umgama ongakanani ngoku uBheki?
How far has Bheki walked now?


4

UBheki uhambe umgama opheleleyo ukuya esikolweni.
Bheki has walked the whole way to school.

Umgama osuka ekhaya ukuya emthini uyalingana nomgama osuka emthini uye esikolweni. Loo nto ithetha ukuba uhambe isiqingatha somgama.
The distance from the house to the tree is the same as the distance from the tree to the school. That means Bheki walked half the distance.

Nika abafundi amathuba okuthetha ngamaqhezu ngokuzoba ezinye iisimboli emgceni ukuze ubonise isinye esithathwini, iikota, isinye kwizihlanu nakwizithandathu. Bakhuthaze ukuze babone ukuba umgama ukusuka kwisimboli yokuqala ukuya kweyokugqibela uya kuba yinto enye epheleleyo, nokuba imigca eyahlulayo ibonisa iinxalenye zamaqhezu.

Provide opportunities for learners to talk about fractions by drawing other symbols on the line to show thirds, quarters, fifths and sixths. Encourage learners to see that the distance from the first to the last symbol would be the whole, and that the demarcations show the fraction parts.

IVEKI • WEEK 5

USUKU 4 • DAY 4

Amaqhezu
Fractions

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → NDIBONISE INANI! SHOW ME A NUMBER! → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

1 USizwe uya esikolweni yonke imihla. Kumgama ongangesiqingatha ukuya esikolweni kukho umthi. Zoba lo mthi kumgcamanani.

Sizwe walks to school every day. Halfway to school, there is a tree. Draw the tree on the number line.

Indlu yomhlobo wakhe ikumgama ongangekota ukuya esikolweni. Zoba isikwere kumgcamanani ubonise indlu yakulomhlobo wakhe.

His friend's house is one quarter of the way to school. Draw a square to show his friend's house on the number line.

Kumgama ongangesinye kwisihlanu ukuya esikolweni kukho umlambo. Krwela umgca kumgcamanani ubonise umlambo.

One fifth of the way to school, there is a river. Draw a line to show the river on the number line.



Kumgama ongangesinye kwisithandathu ukuya esikolweni kukho inja. Yenza ichokoza kumgcamanani ubonise inja.

One sixth of the way to school, there is a dog. Draw a dot to show the dog on the number line.

2 Bhala inani elisembindini kule migcamanani.

Write the number that is halfway along these number lines.





Fractions

learners can also write more than, less than, or is equal to in words

3 Jonga ezi ndawo zifakelwe umbala kule pitsa.
Bhala >, < okanye =.

Look at the coloured parts of the pizza. Write >, < or =.



4 Jonga ezi ndawo zifakelwe umbala kwesi sonka.
Bhala >, < okanye =.

let learners say examples aloud
one half is less than 3 quarters

Look at the coloured parts of the loaves. Write >, < or =.



Thetha nomhlobo wakho ngeenxalenye zamaqhezu ozibonayo kweli phepha.

Talk to your friend about the fraction parts you can see on this page.

IVEKI • WEEK 5

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
phinda kabini	double
isiqingatha	half
yahlula kubini	halve
isiqingatha esinye	one half
isinye esithathwini	one third
ikota enye	one quarter
isinye kwisihlanu	one fifth
isinye kwisithandathu	one sixth

1 Biyela imifanekiso ebonisa isinye kwisithathu.
Circle the pictures that show one third.



2 Biyela imifanekiso ebonisa ikota enye.
Circle the pictures that show one quarter.



3

Phinda kabini i-12. Double 12.	Phinda kabini ama-25. Double 25.	Phinda kabini ama-23. Double 23.	Phinda kabini ama-34. Double 34.

t	o
1	2
+ 1	2
2	4

t	o
2	5
+ 2	5
5	0

t	o
2	3
+ 2	3
4	6

t	o
3	4
+ 3	4
6	8

50

Assessment and consolidation

4 USizwe uphumla phantsi komthi okumgama ongangesinye esithathwini ukuya esikolweni. Zoba umthi kumgcamanani.

Sizwe rests at a tree one third of the way to school. Draw the tree on the number line.

5 UBuhle udibana nomhlobo wakhe kumgama ongangesibini esithathwini ukuya ecaweni. Zoba ubuso bomhlobo wakhe kumgcamanani.

Buhle meets her friend two thirds of the way to church. Draw her friend's face on the number line.



6 Bhala inani elisembindini kule migcamanani.

Write the number that is halfway along these number lines.



7 Phinda kabini inani.

Double the number.

24	48	13	26	41	82
34	68	20	40	32	64

8 Fumana isiqingatha.

Find half.

26	13	88	44	42	21
60	30	84	42	18	9

Umthamo

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Yenza ama-20 ngamakhadi amachokoza	amakhadi amachokoza katitshala
Umdlalo: 1 2 3 Veza – ukudibanisa	amakhadi amanani abafundi 0–20







Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ukulinganisela umthamo	iLAB, iikomityi, iibhotile, icephe, amanzi
2	Ukuqikelela nokuthelekisa umthamo	iLAB, iibhotile ezingenanto (ezininzi), amanzi
3	Ukusebenza ngomthamo	iLAB, iibhotile ezingenanto (zeelitha ezili-10, 5, 2 ne-1)
4	Ukuqikelela nokulinganisela umthamo	iLAB, iijagi zokulinganisela, iibhotile ezingenanto, amanzi
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukuqikelela, ukulinganisela, ukuthelekisa, ukucwangcisa nokurekhodisha umthamo esebenzisa imilinganiselo engekho mgangathweni njengenxalenye yokulinganisela okungekho sesikweni.	
ukuqikelela, ukulinganisela, ukuthelekisa, ukucwangcisa nokurekhodisha umthamo esebenzisa iilitha njengeeyunithi zomthamo ezisemgangathweni.	

Uvavanyo (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)

Uvavanyo olubhalwayo: Umlinganiselo – Umthamo

Uvavanyo oluthethwayo nolwenziwayo: Umlinganiselo – Umthamo: qwalasela abafundi ukuze uvavanye izakhono zabo zokusebenzisa isigama somthamo, ukuqikelela, ukulinganisela nokurekhodisha umthamo.

Capacity

	Resources
Mental Maths: Make 20 using dot cards	teacher dot cards
Game: 1, 2, 3, show – addition	learner number cards 0–20






Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Measuring capacity	LAB, cups, bottles, teaspoon, water
2	Estimate and compare capacity	LAB, empty bottles (many), water
3	Working with capacity	LAB, empty bottles (10, 5, 2, 1 litre)
4	Estimating and measuring capacity	LAB, measuring jugs, empty bottles, water
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
estimate, measure, compare, order and record capacity using non-standard measures as part of informal measuring.	
estimate, measure, compare, order and record capacity using litres as the standard unit of capacity.	

Assessment (see back pages of this guide)

Written assessment: Measurement – Capacity

Oral and practical assessment: Measurement – Capacity: observe learners to assess their ability to use the language of capacity, to estimate, measure, compare and record capacity.

Umthamo

Izibalo Zentloko

Kule veki sibethelela ulwazi lweebhondi zama-20 sisebenzisa amakhadi amachokoza. Abafundi kufuneka babe nombono we-10 ngokuzalisa izakhelo zeshumi ezenziwe ngamakhadi amachokoza ashicilelweyo baze benze ama-20. Lo msetyenzana uqinisa ulwazi lwabafundi lweebhondi zeshumi nolwalamano olongezelelekayo.

Umdlalo

Kumdlalo wale veki abafundi baza kuziqhelisa ukudibanisa amanani amabini. Injongo kukudibanisa amanani ngokukhawuleza ukuze baphuhlise ukukhumbula iibhondi zamanani. Oku kuya kubanceda ekusombululeni iingxaki ngempumelelo.



Uphuhliso lweNgqiqo

Kule veki sigxila ekusebenzeni ngeeyunithi ezingekho mgangathweni ukuze abafundi baqonde ixabiso lokusebenzisa iiyunithi ezisemgangathweni ukulinganisela umthamo. Xa abafundi sebeyiqonda ingxaki yokusebenzisa iiyunithi ezahlukeneyo ukulinganisela umthamo, singadlulela ekufundiseni iyunithi esemgangathweni yelitha. Abafundi kufuneka bakwazi ukufunda imilinganiselo yeelitha baqonde ukuba zimele ntoni. Siza kujolisa koku:

- ukuqikelela, ukulinganisela, ukuthelekisa, ukucwangcisa nokurekhodisha umthamo besebenzisa imilinganiselo engekho mgangathweni njengenxalenye yokulinganisela okungekho sesikweni.
- ukuqikelela, ukulinganisela, ukuthelekisa, ukucwangcisa nokurekhodisha umthamo esebenzisa iilitha njengeeyunithi zomthamo ezisemgangathweni.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Iyunithi engekho mgangathweni asinto ifane isetyenziswe xa kulinganiselwa. Umzekelo, ukusebenzisa amacephe okanye iibhotile zejem ukulinganisela umthamo webhotile okanye wejagi. Siqala ngeeyunithi ezingekho mgangathweni kuba zinentsingiselo kubafundi kwaye zifumaneka lula.
- Kubalulekile ukunika abafundi ixesha lokuhlola nokuchaza ukubaluleka kokusebenzisa iiyunithi ezisemgangathweni. Sisebenzisa iiyuthi ezisemgangathweni kuba sifuna inkqubo yokulinganisela enika iziphumo ezifanayo ngalo lonke ixesha isetyenziswa.
- Nceda abafundi bafumanise ingqiqo yomthamo – umthamo onokuthathwa sisikhongozelo xa sizele.
- Kubalulekile ukuvumela abafundi basebenze ngezikhongozelo ngokwabo okanye ubabonise phambi kweklasi imistyenzana eyenziwayo (nabafundi bathathe inxaxheba). Ukhumbule, abafundi besiGaba esiPhantsi bafunda ngcono xa besenza.
- Isigama esibalulekileyo: **ngaphezulu kuna**-, **ngaphantsi kuna**-, **umthamo**, **ilitha**, **izele**, **ayinanto**.

Capacity

Mental Maths

This week we consolidate knowledge of the bonds of 20 using dot cards. Learners have to visualise 10 by filling the ten frames created by the printed dot cards and then make 20. This activity strengthens learners understanding of their bonds of ten and additive relations.

Game

In this week's game, learners will practise adding two numbers. The goal is to add the numbers quickly and to develop their recall of number facts. This will help learners to solve problems efficiently.



Concept development

This week we focus on working with non-standard units in order to realise the value of using standard units to measure capacity. Once learners realise the problem of using different units to measure capacity, we can move on to introducing the standard unit of a litre. Learners should be able to read measurements given in litres and understand approximately what they represent. We will focus on:

- estimating, measuring, comparing, ordering and recording capacity using non-standardised measures as part of informal measuring.
- estimating, measuring, comparing, ordering and recording capacity using litres as the standard unit of capacity.

What to look out for this week

- A non-standard unit is an object that is not normally used for measurement. For example, using spoons or jam jars to measure the capacity of a bottle or jug. We begin with non-standard units as they are meaningful to the learner and are readily available.
- It is important to allow learners time to explore and identify the importance of using standard units. We use standard units as we need to have a measurement system that gives the same results every time it is used.
- Help learners to establish the concept of **capacity** – the amount a container can hold when it is full.
- It is important that you allow learners to work with containers themselves or that you demonstrate the practical activities in front of the class (with learners participating if possible). Remember, learners in the Foundation Phase learn best when they are actively involved.
- Important vocabulary: **more than**, **less than**, **capacity**, **litre**, **full**, **empty**

Ukulinganisela umthamo

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ UMDLALO
GAME

→ AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Abafundi baza kusebenzisa amakhadi amachokoza ukuze babone ukuba kufuneka kongezwe kangakanani ukwenza ama-20.

Learners will use dot cards to see how many more are needed to make 20.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.



Measuring capacity

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 noo-1.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

89 = _____ + _____

56 = _____ + _____

38 = _____ + _____

79 = _____ + _____

27 = _____ + _____

43 = _____ + _____

68 = _____ + _____

83 = _____ + _____

38 = _____ + _____

56 = _____ + _____

Usuku 2 Day 2

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 noo-1.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

29 = _____ + _____

92 = _____ + _____

37 = _____ + _____

55 = _____ + _____

81 = _____ + _____

26 = _____ + _____

65 = _____ + _____

58 = _____ + _____

83 = _____ + _____

35 = _____ + _____

Usuku 3 Day 3

Yakha la manani usebenzise amakhadi exabiso lendawo:
Use your place value cards to make:

19

68

81

52

26

33

74

48

96

15

Usuku 4 Day 4

Yakha la manani usebenzise amakhadi exabiso lendawo:
Use your place value cards to make:

68

39

81

43

92

27

54

86

75

38

Ukulinganisela umthamo

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Singasebenzisa ntoni ukuze silinganisele amanzi afunekayo ukuzalisa le bhotile?
What should we use to measure how much water we need to fill this bottle?

Icephe.
A spoon.

Icephe lincinci kakhulu! Ucinga ukuba zingaphi iikomityi ezinokungena apha?
A spoon is too small! How many cups do you think this one will take?

Ndiqinisekisile. Le bhotile izaliswe ziikomityi ezi-4.
I checked. It took 4 cups to fill this bottle.

Ucinga ukuba zingangaphi iikomityi ezinokuzalisa le ibhotile?
How many cups do you think this one will take?

Ziikomityi ezisi-8 kuba iyiphinde kabini leya.
I say 8 cups because it is twice as big.

Uqikelele kakuhle. Le bhotile izaliswe ziikomityi ezisi-8.
That was a good estimate! It took 8 cups to fill this bottle.

Nika abafundi amathuba aliqela okuba baqikelele kuqala baze balinganisele umthamo weebhotile, iijagi neekomityi. Abafundi mabalinganisele ngeekomityi bathethe ngezinto abazifumanisileyo. Qinisekisa ukuba abafundi bayayiqonda intsingiselo yegama elithi qikelela.

Allow the learners multiple opportunities to first estimate and then measure the capacity of bottles, jugs and cups. Allow learners to experiment by measuring with different cups and to talk about their discoveries. Ensure the learners understand the meaning of the word estimate.

Measuring capacity

IVEKI • WEEK 6

USUKU 1 • DAY 1

Ukulinganisela umthamo
Measuring capacity

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA (MAKE 20 USING DOT CARDS) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

Umdlao: 1, 2, 3 Veza – ukudibanisa
Game: 1, 2, 3 Show – addition

- Dlalani ngababini ngamakhadi enu 0–20.
  Play in pairs with your 0–20 cards.
- Bobabini abafundi baveza ikhadi.
  Both learners flip a card.
- Dibanisa! Wagcine kuwe amakhadi ukuba uchanile.
  Add! Keep the cards if you get it right.
- Hamba kwakhona!
  Go again!





1 Ingaba isikhongozelo sithatha ngaphezulu okanye ngaphantsi kunelitha e-1? Biyela impendulo echanekileyo.
Does the container hold more or less than 1 litre? Circle the correct answer.

ingaphezulu (more)	ingaphantsi (less)

ingaphezulu (more)	ingaphantsi (less)

52

Ukulinganisela umthamo

2 Zingaphi iikomityi ezifunekayo ezinokuzalisa ezi bhotile?

How many cups do you need to fill the bottles?

Xa uqikelela ucinga ngokuba liza kuba yintoni ixabiso. Kufuneka lisondele kwimpendulo echanekileyo ukuze ibe luqinikilelo olulungileyo.

When you estimate, you think about what the value will be. It must be close to the right answer to be a good estimate.

	uqikelelo estimation	umlinganiselo measurement
	4	4
	learners' individual estimations	12
		20

Icephe elinye lamanzi lifikelela kolu phawu lwebhotile. Mangaphi amacephe amanzi agalelwe kule bhotile?

One spoon of water fills this bottle up to the first mark. How many spoons of water have been put into the bottle?

3

 1	 2	 7	 4
 8	 6	 3	 5

Estimate and compare capacity

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT →

UMDLALO
GAME →

AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Uqaphela ntoni ngezikhongozelo?
What do you notice about the containers?

Izikhongozelo zinobukhulu obahlukeneyo.
The containers are different sizes.

1

Ezi bhotile zithatha umthamo owahlukileyo wamanzi. Umthamo wezi bhotile ubhalwe kuzo. Le bhotile ithatha ilitha enye.
These bottles hold different amounts of water. The capacity of the bottles is written on them. That bottle holds one litre.

2

Ucinga ukuba ezi zikhongozelo zibini zinomthamo olinganayo?
Do you think these two containers hold the same amount?

Ndicinga ukuba ithatha ngaphantsi kuba imfutshane.
I think it holds less because it is shorter.

3

Masiyikhangele. Zithatha umthamo ofanayo.
Let's test it to see. They hold the same amount!

4

Bakhuthaze abafundi bacinge (baqikelele) ngokuba izikhongozelo zingathatha umthamo ongakanani uze uthelekise imithamo ezinokuyithatha. Kufuneka baqaphele ukuba izikhongozelo ezineemilo ezahlukileyo zingathatha umthamo olinganayo wamanzi. Basebenzisa amanzi ukuhlola umahluko womthamo wezikhongozelo ezahlukileyo.

Encourage learners to think about (estimate) how much the containers can hold and compare the amounts they can hold. They should notice that containers of different shapes can hold the same amount of water. They use water to test the difference of capacity of the different containers.

Qikelela uze uthelekise umthamo

IVEKI • WEEK 6

USUKU 2 • DAY 2

Qikelela uze uthelekise umthamo

Estimate and compare capacity

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA (MAKE 20 USING DOT CARDS) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

1 umthamo ngokweekomityi

capacity in cups

10				
9				
8				
7				
6				
5				
4				
3				
2				
1				
	iketile kettle	imagi mug	isitya bowl	ijagi jug

Igarafu yemifanekiso ibonisa inani leekomityi ezithathwa sisikhongozelo ngasinye.

The pictograph shows how many cups each container can hold.

Thetha nabahlobo bakho ngale mibuzo.

Talk to your friends about these questions.

Zingaphi ezizalisa ? 10
How many fill the ?

Zingaphi ezizalisa ? 2
How many fill the ?

Zingaphi ezizalisa ? 3
How many fill the ?

Zingaphi ezizalisa ? 5
How many fill the ?

Umeme abahlobo abasi-7 beza kokwenu. Ungabathengela ilitha e-1 yejusi ukuba basele, ngokuba kutheni?

You have invited 7 friends to your house. Would you buy 1 litre of juice for them to drink and why? No. 1 ℓ = 4 cups

UMama uthenge iilitha ezi-2 zobisi. Siba-3 ekhaya. Umntu ngamnye usela ilitha e-1 yobisi. Ingaba umama uthenge ubisi olwaneleyo?

Mom buys 2 litres of milk. There are 3 people in our family. Each of them drinks 1 litre of milk every day. Did Mom buy enough milk? No.

They'll need 3ℓ every day.

54

Estimate and compare capacity

2

Iikomityi ezi-5 zizalisa ijagi enye.

5 cups fill one jug.

Zingaphi iikomityi ezizalisa ezi jagi?

How many cups fill the following jugs?



5 × 1 = 5	5 × 4 = 20	5 × 3 = 15	5 × 2 = 10

3

Iikomityi ezili-10 zizalisa iketile enye.

10 cups fill one kettle.

Zingaphi iikomityi ezinokuzalisa ezi ketile zilandelayo?

How many cups fill the following kettles?



10 × 1 = 10	10 × 3 = 30	10 × 2 = 20	10 × 5 = 50

Ukusebenza ngomthamo

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT →

UMDLALO
GAME →

AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Misa ezi zikhongozelo uqale ngesona sithatha umthamo omncinci uye kwesona sithatha kakhulu.

Sort these containers from the one that holds the least to the one that holds the most.

Esi sithatha kakhulu ze esiya sithathe kancinci.

This one holds the most and that one holds the least.

Singathatha iilitha ezingaphi isikhongozelo ngasinye?

How many litres can each container hold?



I-1 ℓ, i-2 ℓ, i-5 ℓ kunye ne-10 ℓ.

1 ℓ, 2 ℓ, 5 ℓ and 10 ℓ.

Yintoni umahluko phakathi kwemithamo yezi zikhongozelo?

What is the difference between the capacity of these containers?

Kufuneka uthabathe, usebenzise imithamo.
5 ℓ – 2 ℓ = 3 ℓ

You need to subtract, using the capacities.
5 ℓ – 2 ℓ = 3 ℓ

Khetha izikhongozelo ezahlukileyo uze unike abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki ezahlukileyo zokudibanisa nokuthabatha ezibandakanya iilitha.

Select different containers and provide multiple opportunities for learners to solve different addition and subtraction problems involving litres.

Working with capacity

IVEKI • WEEK 6

USUKU 3 • DAY 3

Ukusebenza ngomthamo
Working with capacity

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS

→ UMDLALO
GAME

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

1

Zingaphi iibhotile? How many bottles?	3
Zingaphi iilitha? How many litres?	3



Zingaphi iibhotile? How many bottles?	8
Zingaphi iilitha? How many litres?	8



Zingaphi iibhotile? How many bottles?	4
Zingaphi iilitha? How many litres?	6

2

UMama uthenge iilitha ezi-2 zobisi waze uTata wathenga ezinye iilitha ezi-5. Zingaphi iilitha zobisi abazithengileyo zizonke?

Mom buys 2 litres of milk and Dad buys another 5 litres. How many litres of milk did they buy altogether?

2ℓ + 5ℓ = 7ℓ

UJabu uthenge iilitha ezimbini zekhola waze uVusi wathenga ilitha e-1. Zingaphi iilitha zekhola abanazo zizonke?

Jabu buys 2 litres of cola and Vusi buys 1 litre. How many litres of cola do they have altogether?

2ℓ + 1ℓ = 3ℓ

Ukuqikelela nokulinganisela umthamo

3

	Zingaphi iibhotile? How many bottles?	6
	Zingaphi iilitha? How many litres?	3

	Zingaphi iibhotile? How many bottles?	3
	Zingaphi iilitha? How many litres?	6

	Zingaphi iibhotile? How many bottles?	6
	Zingaphi iilitha? How many litres?	12

	Zingaphi iibhotile? How many bottles?	4
	Zingaphi iilitha? How many litres?	8

4 Zingaphi iilitha kwibhokisi nganye?
How many litres in each box?

A 	9

B 	4

Yeyiphi ibhokisi eneelitha ezininzi? Which box has more litres?	A
Zininzi kangakanani? How many more?	9ℓ − 4ℓ = 5ℓ

Estimating and measuring capacity

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS

→ **UPHUHLISO LWENGQIQO**
CONCEPT DEVELOPMENT →

UMDLALO
GAME →

AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Singayisebenzisa njani ijagi yokulinganisela isincede ekufumaneni umthamo wesikhongozelo ngasinye?

How can we use the measuring jug to help us work out the capacity of each container?

Ijagi ithatha ilitha e-1. Singayisebenzisa ukulinganisela umthamo wesikhongozelo ngasinye.

The jug holds 1 litre. We can use it to measure the capacity of each container.

Ingaba le bhotile iza kuthatha umthamo wamanzi ongaphezulu, ongaphantsi okanye olinganayo nowejagi engangelitha e-1?

Do you think this bottle will hold more than, less than or the same amount of water as the 1 litre jug?

Ndicinga ukuba iya kuthatha ngaphantsi kuba yibhotile encinci. Masiyizame!

I think it will hold less because it is a small bottle. Let's try it

Nika abafundi ixesha lokuqikelela baze balinganisele umthamo webhotile nganye. Bhala uqikelelo nemilinganiselo kwitheyibhile. Nika abafundi ixesha lokuthelekisa uqikelelo lwabo nemilinganiselo, ubakhuthaze ukuba baqikelele ngokuchanekileyo kanganoko banakho.

- **Sebenzisa iijagi ezahlukileyo ukuze uthelekise imilinganiselo ezahlukileyo.**
- **Bakhuthaze abafundi ukuba bathethe ngeendlela ezinokwahluka ngayo iibhotile ngokwemilo nobukhulu, maxa wambi zisenokuba nomthamo ofanayo.**

Give learners time to estimate and then measure the capacity of each bottle. Write the estimations and measurements into a table. Allow learners time to compare their estimations and measurements and encourage them to estimate as accurately as they can.

- Use different jugs to compare different measurements.
- Encourage learners to talk about how bottles may look different in shape and size, but sometimes they can have the same capacity.

Ukuqikelela nokulinganisela umthamo

IVEKI • WEEK 6

USUKU 4 • DAY 4

Ukuqikelela nokulinganisela umthamo
Estimating and measuring capacity

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → YENZA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA (MAKE 20 USING DOT CARDS) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

1 Biyela isikhongozelo esiza kuthatha amanzi amancinci.
Circle the container that will hold less water.



2 UJabu ukhe amanzi angange-3 ℓ etephini. Umama wakhe umcele ukuba akhe i-10 ℓ. Zingaphi iilitha ekusafuneka azikhe?
Jabu has collected 3 ℓ of water from the tap. His mother asked him to collect 10 ℓ. How many more litres must he collect?

10 ℓ − 3 ℓ = 7 ℓ

Isikhongozelo esithatha kakhulu sinomthamo omkhulu.
We say the container that can hold more has a greater capacity

Estimating and measuring capacity

3 Biyela isikhongozelo esiza kuthatha kakhulu.
Circle the container that will hold more.



4 Sesiphi isikhongozelo esithatha kakhulu?
Which container holds more?

A holds more than B because A holds 5 glasses and B holds $3\frac{1}{2}$



IVEKI • WEEK 6

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
umthamo	capacity
Ibhotile ithatha iikomityi ezi-4 zamanzi.	The bottle holds 4 cups of water.
Ilitha enye iyafana neekomityi ezi-4.	One litre is the same as 4 cups.
Isikhongozelo esikhulu sinomthamo. omkhulu	A big container has a large capacity
Isikhongozelo esincinci sinomthamo. omncinci	A small container has a small capacity

1

Zingaphi iibhotile? How many bottles?	7
Zingaphi iilitha? How many litres?	7ℓ

2 Biyela isikhongozelo esiza kuphatha amanzi amaninzi.
Circle the container that will hold more water.



60

Assessment and consolidation

3 Biyela isikhongozeli esiphatha kancinci.
Circle the container that will hold less.



4



Zingaphi iibhotile? How many bottles?	6
Zingaphi iilitha? How many litres?	12



Mangaphi amabhakethi? How many buckets?	4
Zingaphi iilitha? How many litres?	40



Zingaphi iimbiza? How many pots?	3
Zingaphi iilitha? How many litres?	15

5 Zingaphi iilitha?
How many litres?

	$1\frac{1}{2}\ell$		1ℓ
	$2\frac{1}{2}\ell$		3ℓ

Ukudibanisa nokuthabatha

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Ndibonise inani	iibloko zesiseko se-10 zikatitshala nabafundi
Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngamakhadi – thabatha	amakhadi amanani 0-10 abafundi








Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ukudibanisa nokuthabatha	iLAB, iibloko zesiseko se-10 zikatitshala nabafundi
2	Ukudibanisa nokuthabatha	iLAB, iibloko zesiseko se-10 zikatitshala nabafundi
3	Ukudibanisa nokuthabatha	iLAB, iibloko zesiseko se-10 zikatitshala nabafundi
4	Ukudibanisa nokuthabatha	iLAB, iibloko zesiseko se-10 zikatitshala nabafundi
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukudibanisa nokuthabatha amanani amivo mibini kumanani amivo mibini ngaphandle kokuwelela ngaphaya kweshumi, usebenzise iibloko zesiseko seshumi.	
ukudibanisa nokuthabatha amanani amivo mibini kumanani amivo mibini uwelele ngaphaya kweshumi, usebenzise iibloko zesiseko seshumi.	
ukuqaphela ukuba izivakalisi manani zeengxaki zabo zingabhalwa ngokwemithetho (ngokwealgorithm) eme nkqo.	

Uvavanyo (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)

Uvavanyo olubhalwayo: Amanani, iindlela zokubala nolwalamano – Ukudibanisa nokuthabatha

Addition and subtraction

	Resources
Mental Maths: Show me a number!	teacher and learner base 10 blocks
Game: Fast maths with cards – subtract!	learner number cards 0-10






Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Addition and subtraction	LAB, teacher and learner base 10 blocks
2	Addition and subtraction	LAB, teacher and learner base 10 blocks
3	Addition and subtraction	LAB, teacher and learner base 10 blocks
4	Addition and subtraction	LAB, teacher and learner base 10 blocks
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
add and subtract two-digit numbers to or from two-digit numbers, without bridging the tens, by using base ten blocks.	
add and subtract two-digit numbers to or from two-digit numbers, with bridging the tens, by using base ten blocks.	
recognise that the number sentences for their problems can be recorded as vertical algorithms.	

Assessment (see back pages of this guide)

Written assessment: Numbers, operations and relationships – Addition and subtraction

Ukudibanisa nokuthabatha

Izibalo Zentloko

Kule veki sijolisa ekuchongeni ama-10 nemivo kumanani amivo mibini. Utitshala uza kubonisa abafundi ama-10 noo-1 ngokusebenzisa iibloko zesiseko se-10, baze abafundi babize amanani. Kungenjalo utitshala uza kubiza inani baze abafundi babonise ama-10 noo-1 ngeebloko zesiseko se-10.



Umdlalo

Kule veki siza kudlala umdlalo iMaths ekhawulezayo ngamakhadi – thabatha! Abafundi baza kuziqhelisa ukusombulula iingxaki ngokukhawuleza ngokukhumbula iibhondi zamanani. Abafundi bathabatha kwinani elahlukileyo ngosuku ngalunye (ama-50, 60, 70, nama-80). Kubalulekile ukuba abafundi bakwazi ukusombulula iingxaki ngempumelelo ukuze babe nesiseko esiluqilima seengxaki eziqatha kwixesha elizayo.



Uphuhliso lweNgqiqo

Abafundi baza kusombulula iingxaki zokudibanisa nokuthabatha besebenzisa iibloko zesiseko se-10. Abafundi baza kubethelela ulwazi lwabo lweengxaki ezingaweleli ngaphaya kweshumi phambi kokwenza ezo ziwelela ngaphaya kweshumi. Baza kuziqhelisa ukusombulula iingxaki ngokudibanisa ama-10 noo-1 ukuze basebenze ngokukhawuleza nangempumelelo. Kumsebenzi wethu wokudibanisa nokuthabatha siza kugxila koku:

- ukudibanisa nokuthabatha amanani amivo mibini kumanani amivo mibini ngaphandle kokuwelela (nangokuwelela) ngaphaya kweshumi, ngokusebenzisa iibloko zesiseko seshumi.
- ukuqonda ukuba izivakalisi manani zeengxaki zabo zisenokubhalwa njengemithetho (njengealgorithm) eme nkqo.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Iibloko zesiseko se-10 ngumzekelo obambekayo wemathematika kwaye ukusetyenziswa kwezi bloko kunceda abafundi babe nombono wokubala. Khuthaza incoko phakathi kwabafundi ukuze bathethe ngendlela abazisebenzisa ngayo iibloko xa bedibanisa okanye bethabatha ngama-10 noo-1. Ukuthetha ngezisombululo nokuthethelela iindlela zokubala ngumba obalulekileyo kuphuhliso lokuqonda imathematika. Kufuneka abafundi bakwazi ukudibanisa nokuthabatha lula bengakhange bawelele ngaphaya kweshumi. Bakhuthaze ukuba basebenze ngeebloko ukuze baqonde indlela yokuwelela ngaphaya kwe-10.
- Isigama esibalulekileyo: **amashumi**, **imivo**, **ukudibanisa**, **ukuthabatha**.

Addition and subtraction

Mental Maths

This week we focus on identifying 10s and 1s in 2-digit numbers. The teacher will show the learners 10s and 1s by using base 10 blocks, and the learners will call out the number. Alternatively, the teacher can call out a number, and the learners can show the 10s and 1s with their base 10 blocks.



Game

This week we will play Fast maths with cards – subtract! Learners will practise solving problems quickly by recalling number facts. The learners should subtract from a different number each day (50, 60, 70 and 80). It is important for learners to be able to solve simple problems efficiently in order to provide a solid foundation for more difficult problems later on.



Concept development

Learners will solve addition and subtraction problems using base 10 blocks. Learners will consolidate their understanding of problems that do not bridge ten, before attempting problems that do bridge the ten. Learners will practise solving problems by adding or subtracting 10s and 1s, so as to work quickly and efficiently. In our work on addition and subtraction, we will focus on:

- adding and subtracting two-digit numbers to or from two-digit numbers, without (and with) bridging the tens, by using base ten blocks.
- recognising that the number sentences for these problems can be recorded as vertical algorithms.

What to look out for this week

- Base 10 blocks are a useful concrete mathematical representation and the use of these blocks helps learners to visualise computations. Encourage conversation between learners so that they can talk about how they use the blocks when they add or subtract using 10s and 1s. The ability to verbalise solutions and justify methods is an essential aspect of the development of mathematical understanding. Learners should be able to add and subtract comfortably without bridging 10. Encourage learners to work with blocks to understand how to bridge 10.
- Important vocabulary: **tens**, **ones**, **addition**, **subtraction**

Ukudibanisa nokuthabatha

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS — NDIBONISE INANI! SHOW ME A NUMBER! → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Sebenzisa iibloko zesiseko se-10 ukwenza amanani nokuthetha ngama-10 nemivo.

Use base 10 blocks to make numbers and to talk about 10s and 1s.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.





Addition and subtraction

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

43 + 46 = _____

55 + 24 = _____

61 + 34 = _____

43 + 15 = _____

12 + 54 = _____

65 – 24 = _____

75 – 41 = _____

59 – 37 = _____

27 – 14 = _____

95 – 80 = _____

Usuku 2 Day 2

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

51 + 22 = _____

42 + 35 = _____

37 + 52 = _____

62 + 13 = _____

25 + 42 = _____

46 – 35 = _____

39 – 16 = _____

78 - 56 = _____

83 – 62 = _____

55 – 14 = _____

Usuku 3 Day 3

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

43 + 52 = _____

35 + 41 = _____

22 + 65 = _____

54 + 33 = _____

41 + 48 = _____

95 – 81 = _____

46 – 32 = _____

79 – 47 = _____

58 – 26 = _____

65 – 50 = _____

Usuku 4 Day 4

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

61 + 22 = _____

54 + 35 = _____

27 + 42 = _____

32 + 53 = _____

44 + 11 = _____

85 – 61 = _____

69 – 47 = _____

24 - 12 = _____

78 – 56 = _____

32 – 21 = _____

Ukudibanisa nokuthabatha

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masidibanise sisebenzise itheyibhile yexabiso lendawo.
Let's add using the place value table.



Ndikhuphe ama-25 nama-42 ndisebenzisa iibloko.
I put out 25 and 42 using my blocks.

1

Imivo emi-5 edibene nemivo emi-2 yenza imivo esi-7. Amashumi ama-2 adibene namashumi ama-4 enza amashumi ama-6 nemivo esi-7 enza ama-67 edibene.
5 ones plus 2 ones is 7 ones. 2 tens plus 4 tens is 6 tens. 6 tens and 7 ones makes 67altogether.

2

Masithabathe sisebenzise itheyibhile yexabiso lendawo.
Let's subtract using the place value table.

3

Kufuneka ndibeke amashumi asi-8 apha nemivo esi-7 ngapha. Ukuze ndithabathe ama-36 kufuneka ndisuse imivo emi-6 namashumi ama-3.
I must put 8 tens here and 7 ones there. To subtract 36, I need to take away 6 ones and 3 tens.

Ndithabatha imivo emi-6 kwimivo esi-7. Kushiyeka umvo o-1. Ndithatha amashumi ama-3 kumashumi asi-8. Ndishiyekelwa ngamashumi ama-5. Ndishiyekelwe ngamashumi ama-5 nomvo o-1, ngama-51.
I take away 6 ones from the 7 ones. That leaves 1 one. I take away 3 tens from the 8 tens. I am left with 5 tens. I am left with 5 tens and 1 one, which makes 51.

Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki ezinokudibanisa nokuthabatha ama-10 nemivo besebenzisa iibloko zesiseko se-10 netheyibhile yexabiso lendawo. Thetha nabo ngendlela ebanceda ngayo itheyibhile yexabiso lendawo ekusombululeni iingxaki ngempumelelo ngokuhlela ama-10 noo-1.

Allow learners multiple opportunities to solve problems that involve adding and subtracting 10s and 1s using base 10 blocks and the place value table. Talk to them about how the place value table helps them to solve problems more efficiently by grouping the 10s and 1s.

IVEKI • WEEK 7

USUKU 1 • DAY 1

Ukudibanisa nokuthabatha
Addition and subtraction

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → NDIBONISE INANI! SHOW ME A NUMBER! → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngamakhadi – thabatha
Game: Fast maths with cards – subtract

- Yenza isicuku ngamakhadi amanani 0–10.
  Place number cards 0 to 10 in a pile.
- Guqula ikhadi elinye.
  Flip one card.
- Thabatha kuma-50.
  Subtract from 50.
- Khawuthabathe ke ngoku kuma-60, 70 nakuma-80.
  Now try to subtract from 60, 70 and 80.



26 + 71 =

Ama-26 ayafana namashumi ama-2 nemivo emi-6. 26 is the same as 2 tens and 6 ones.		
Masidibanise ama-71. Now let's add 71.		
	Kukho amashumi ali-9 ewonke. There are 9 tens altogether.	Kukho imivo esi-7 iyonke. There are 7 ones altogether.

	t	o
	2	6
+	7	1
	9	7

Ndinama-97 zizonke.
I have 97 altogether.

1 Dibanisa usebenzise iibloko.
Add using blocks.

18 + 51 = 69	34 + 42 = 76	63 + 25 = 88
75 – 14 = 61	56 – 32 = 24	44 – 23 = 21

Ukudibanisa nokuthabatha

73 – 42 =



	
	
Kumashumi asi-7 thabatha amashumi ama-4 kushiyeka amashumi ama-3. 7 tens take away 4 tens leaves 3 tens.	Kwimivo emi-3 thabatha imivo emi-2 kushiyeka umvo o-1. 3 ones take away 2 ones leaves 1 one.

t	o
7	3
– 4	2
3	1

Kushiyeka ama-31.
There is 31 left over.

2 Dibanisa okanye thabatha.

Add or subtract.



5	1
+ 1	7
6	8

Ndina-68 zizonke.
I have ___ altogether.



4	2
+ 2	6
6	8

Ndina-68 zizonke.
I have ___ altogether.



6	8
– 5	1
1	7

Kushiyeka ama-17.
There is ___ left over.



5	9
– 1	3
4	6

Kushiyeka ama-46.
There is ___ left over.

Addition and subtraction

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | NDIBONISE INANI! SHOW ME A NUMBER! → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masidibanise sisebenzise itheyibhile yexabiso lendawo.
Let's add 32 and 63 using the place value table.

1

Ndibeka ama-32 nama-63 ndisebenzisa iibloko zam.
I put out 32 and 63 using my blocks.

2

Xa ndidibanisa imivo ndifumana imivo emi-5. Xa ndidibanisa amashumi ndifumana amashumi asi-9. Emva koko ndidibanisa mashumi asi-9 nemivo emi-5 ukuze ndifumane ama-95.
When I add the ones, I get 5 ones. When I add the tens, I get 9 tens. Then I add 9 tens and 5 ones together to get 95.

Masithabathe sisebenzise itheyibhile yexabiso lendawo.
Let's subtract 24 from 96 using the place value table.

3

Ndibeka ama-96 ze ndithabathe ama-24 ngokusebenzisa iibloko zam.
I put out 96 and then I subtract 24 using my blocks.

4



Ukuba ndithatha imivo emi-4 kwimivo emi-6 kusala imivo emi-2. Ukuba ndithatha amashumi ama-2 kumashumi asi-9 kusala amashumi asi-7. Ndishiyekelwe ngamashumi asi-7 nemivo emi-2, ngama-72.
If I take away 4 ones from 6 ones, I am left with 2 ones. If I take away 2 tens from the 9 tens, I am left with 7 tens. I am left with 7 tens and 2 ones, which makes 72.

Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki ezinokudibanisa nokuthabatha ama-10 nemivo besebenzisa iibloko zesiseko se-10 netheyibhile yexabiso lendawo. Thetha nabo ngendlela ebanceda ngayo itheyibhile yexabiso lendawo ekusombululeni iingxaki ngempumelelo ngokuhlela ama-10 noo-1.

Allow learners multiple opportunities to solve problems that involve adding and subtracting 10s and 1s using base 10 blocks and the place value table. Talk to them about how the place value table helps them to solve problems more efficiently by grouping the 10s and 1s.

IVEKI • WEEK 7

USUKU 2 • DAY 2

Ukudibanisa nokuthabatha
Addition and subtraction

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → NDIBONISE INANI! SHOW ME A NUMBER! → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

1 Dibanisa.
Add.



	3	3
+	1	5
	4	8

Ndina- 48 zizonke.
I have ___ altogether.



	5	2
+	2	5
	7	7

Ndina- 77 zizonke.
I have ___ altogether.



	1	7
+	6	2
	7	9

Ndina- 79 zizonke.
I have ___ altogether.



	4	3
+	6	1
	10	4

Ndina- 104 zizonke.
I have ___ altogether.

2 Dibanisa! Sebenzisa iibloko.
Add! Use your blocks.

Dibanisa imivo uze udibanise amashumi.
Add the ones and add the tens.

24 + 33 = 57	56 + 13 = 69	11 + 47 = 58
36 + 51 = 87	71 + 22 = 93	84 + 15 = 99
14 + 75 = 89	56 + 32 = 88	23 + 44 = 67
52 + 12 = 64	27 + 72 = 99	43 + 33 = 76

Addition and subtraction

3 Thabatha.

Subtract.

	2	7
−	1	1
	1	6

Kushiyeka i-16.
There is 16 left over.



	3	9
−	1	7
	2	2

Kushiyeka ama-22.
There is 22 left over.



	4	8
−	2	1
	2	7

Kushiyeka ama-27.
There is ___ left over.



	4	7
−	1	4
	3	3

Kushiyeka ama-33.
There is ___ left over.



	5	6
−	3	5
	2	1

Kushiyeka ama-21.
There is ___ left over.



	6	8
−	4	7
	2	1

Kushiyeka ama-21.
There is ___ left over.

4 Thabatha! Sebenzisa iibloko.

Subtract! Use your blocks.

97 − 35 = 62	46 − 15 = 31	84 − 63 = 21

Ukudibanisa uwelele ngaphaya kwe-10

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS — NDIBONISE INANI! SHOW ME A NUMBER! → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masidibanise sisebenzise itheyibhile yexabiso lendawo.
Let's add using the place value table.



1

Ndibeke ama-26 nama-37 ndisebenzisa iibloko zam.
I put out 26 and 37 using my blocks.



2

Ndidibanisa imivo emi-6 nemivo esi-7 ukufumana imivo eli-13. Ndidibanisa amashumi ama-2 namashumi ama-3 ukufumana amashumi ama-5. Ngoko ke ndinamashumi ama-5 nemivo eli-13 zizonke.
I add 6 ones and 7 ones to get 13 ones. I add 2 tens and 3 tens to get 5 tens. So, I have 5 tens and 13 ones altogether.

Wazi ntoni ngemivo eli-13?
What do you know about 13 ones?



3

Imivo eli-13 iyafana neshumi elinye nemivo emi-3.
13 ones is the same as 1 ten and 3 ones.



4

Uchanile! Singatshintshiselana senze ishumi. Mangaphi ama-10 nemivo onayo?
Correct! We can exchange and make a ten. Now how many 10s and 1s do you have?



5

Ndinamashumi ama-6 nemivo emi-3, ngama-63.
I have 6 tens and 3 ones, which is 63

Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki ezinokudibanisa ama-10 noo-1 besebenzisa iibloko zesiseko se-10 netheyibhile yexabiso lendawo. Banike amathuba okuba baqonde ukuba xa bewelela ngaphaya kweshumi baza kutshintshisa imivo eli-10 ngeshumi eli-1.

Allow learners multiple opportunities to solve problems that involve adding 10s and 1s using base 10 blocks and a place value table. Provide opportunities for them to see that when bridging the ten they will exchange 10 ones for 1 ten.

Addition bridging 10

IVEKI • WEEK 7

USUKU 3 • DAY 3

Ukudibanisa okuwelela ngaphaya kwe-10
Addition bridging 10

